

John X Merrimanstraat 37, Oakdale, Bellville, 7530
021 202 9404
086 457 3498

admin@sbafrikaans.co.za
www.sbafrikaans.co.za
@SBA Stigting vir Bemagtiging deur Afrikaans

@sbafrikaans
@sbafrikaans

Projekleier: Me Nelmar Kemp

Uhlelo lokuqala 2021
Eerste uitgawe 2021
First edition 2021

© Isiquathiso: **Iziko Lokuxhobisa nge-Afrikaans**
© Inhoud: **Die Stigting vir Bemagtiging deur Afrikaans**
© Content: **The Foundation for Empowerment through Afrikaans**
Iqulunqwe ngu Saamgestel deur Compiled by
Mjikisile Vulindlu

(Intloko: Umgangatho wamanzi nokhuseleko lomthombo – Isixeko saseKapa)
(Hoof: Waterkwaliteit en Bronbeskerming – Stad Kaapstad)
(Head: Water Quality and Source Protection – City of Cape Town)

Igalelo nophando kwi-Afrikaans nesiNgesi ngu
Afrikaans en Engels nagevors en bygedra deur
Afrikaans and English researched and contributed by
Sarah Theron

isiXhosa: inguqulo, ukuhlela negalelo kulwimi
isiXhosa: vertaling, redigering en taalbydraes
isiXhosa: translation, editing and language contributions
Sivuyile Mazantsi

Isi-Afrikaans: inguqulo, ukuhlela negalelo kulwimi
Afrikaans: vertaling, redigering en taalbydraes
Afrikaans: translation, editing and language contributions
Herman van der Westhuizen

IsiNgesi: inguqulo, ukuhlela negalelo kulwimi
Engels: vertaling, redigering en taalbydraes
English: translation, editing and language contributions
Hester Fourie

© Imizobo © Sketse © Drawings

Kobie Nieuwoudt

Uyilo Uitleg Layout

Tania Bester

Umshicileli Drukker Printer

Tandym Print

IZIQLATHISO INHOUDSOPGAWE CONTENTS

| | |
|--|----|
| Intshayelelo | 5 |
| Inleiding | 5 |
| Introduction | 6 |
| Amanzi kwinkcubeko yamaXhosa | 7 |
| Water in die amaXhosa-kultuur | 9 |
| Water in the amaXhosa culture | 11 |
| Iingcebiso ezili-10 zokonga amanzi | 13 |
| 10 Waterbesparingswenke | 15 |
| 10 Water saving tips | 17 |
| Izaci namaqhalo esiXhosa ngamanzi | 19 |
| isiXhosa-idiome en -spreekwoorde oor water | |
| isiXhosa idioms and proverbs about water | |
| Afrikaanse idiome en spreekwoorde oor water | 43 |
| Izaci namaqhalo esi-Afrikaans ngamanzi | |
| Afrikaans idioms and proverbs about water | |
| English idioms and proverbs about water | 67 |
| Engelse idiome en spreekwoorde oor water | |
| Izaci namaqhalo esiNgesi ngamanzi | |
| IMISEBENZI | 91 |
| Umsebenzi woku-1: Ukuqonda | 91 |
| Umsebenzi we-2: Ukusebenzisa ubuchule bokubonisa isaci | 92 |
| AKTIWITEITE | 93 |
| Opdrag 1: Begrip | 93 |
| Opdrag 2: Visuele uitbeelding van 'n idioom | 94 |
| ACTIVITIES | 95 |
| Assignment 1: Comprehension | 95 |
| Assignment 2: Visual representation of an idiom | 96 |

INTSHAYELELO

Izaci namaqhalo ziintetho ezifumaneka kuphela kulwimi ngalunye nakwinkcubeko

nganye.

Uninzi lwezaci namaqhalo esiXhosa anentsusa ekwindalo nako-kusingqongileyo. Oku kubonisa ubudlelwano umntu anabo nendalo.

Kwinkcubeko yamaXhosa, amanzi adlala indima ebalulekileyo. Angumqondiso wobomi, impilo, imingeni nendalo yomntu.

Eli bathwana lezaci namaqhalo esiXhosa elimalunga ngamanzi neliye lachongelwa le ncwadi, lisikhumbuza ulwimi nenkcubeko yethu etyebileyo ekufuneka sizingce ngazo. Oku kwenza silwazi uxanduva esinalo ekongeni amanzi esinawo ahlale ecocekile kwaye elondolozekile.

Injongo yesi sikhokelo sepokotho kukugcina izithethe zolwimi lwesiXhosa nenkcubeko yamaXhosa ngeelwimi ezimsethethweni ezintathu zaseNtshona Koloni. Kananjalo, sifuna ukuphuhlisa ulwazi lweelwimi ezininzi.

Kwakho, ezi zaci namaqhalo ezimalunga ngamanzi ziye ziqinise ityathanga lovisiswano phakathi kwezi lwiimi nendalo njengoko sibona kule nkcubeko yamaXhosa. Oku kuye kudlale indima enkulu kukhuseleko lwamanzi, kwaye isenze sazi kubaluleke kangakanani ukongela izizukulwana ezizayo amanzi.

INLEIDING

Idiome en spreekwoorde is vaste uitdrukkings wat eie en uniek is aan 'n bepaalde taal en kultuur.

Baie isiXhosa-idiome en -spreekwoorde verwys na die natuur en die omgewing. Dit dui op 'n hegte verhouding tussen die mens en die natuur.

Water speel 'n baie belangrike rol in die amaXhosa-kultuur. Dit is 'n simbool van lewe, genesing, uitdagings en die menslike natuur.

Die lys idiome en spreekwoorde oor water uit die amaXhosa-kultuur wat vir hierdie boek gekies is, herinner ons aan 'n trotse taal- en kultuurerfenis. Dit maak ons bewus van die gesamentlike verantwoordelikheid wat ons het om ons waterbronne skoon te hou en te bewaar.

Die doel van hierdie sakgids is om die oorlewings van die isiXhosa-taal en die amaXhosa-kultuur in al drie die amptelike tale van die Wes-Kaap te bewaar. Terselfdertyd wil ons veeltaligheid bevorder.

Hierdie idiome en spreekwoorde oor water versterk ook die drie tale se harmonieuse verhouding met die natuur en die omgewing soos dit in die amaXhosa-erfenis na vore kom. Dit lewer daarom 'n groot bydrae tot die beskerming van ons waterbronne. Dit maak ons ook daarvan bewus hoe belangrik dit is om ons waterbronne vir die nageslag te bewaar.

INTRODUCTION

Idioms and proverbs are set expressions unique to a specific language and culture.

Many isiXhosa idioms and proverbs are drawn from nature and the environment. It reveals the close relationship between man and nature.

Water plays a very important role in the culture of the amaXhosa. It serves as a symbol of life, healing, challenges and human nature.

The selection of isiXhosa idioms and proverbs about water that were chosen for this book, reminds us of a linguistic and cultural heritage we can be proud of. It makes us aware of the responsibility we share to keep our water resources clean and to protect it.

The aim of this pocket guide is to preserve the traditions of the isiXhosa language and the culture of the amaXhosa in the three official languages of the Western Cape. At the same time we want to promote multilingualism.

These idioms and proverbs about water also strengthen the harmonious bond between the three languages and nature as seen in the amaXhosa culture, thereby making a huge contribution towards the protection of our water resources. It also keeps us aware of how important it is to preserve our water resources for generations to come.

Amanzi kwinkcubeko yamaXhosa

1. Amanzi awabalulekanga nje kuphela kwindalo nakwimpilo yezilwanyana nezityalo. Nabo abantu baxhomekeke emanzini ukuze bahlale besempilweni, bakhe ubomi kwaye baphuhle.
2. Amanzi abalulekile kwimpilo yethu ngoba iziqingatha ezintathu zemizimba yethu zingamanzi. Amanzi adlala indima enkulu kwiinkalo zonke zobomi bethu, ngakumbi kumasiko nenkolo yethu.
3. Izixeko kunye needolophu ezininzi ehlabathini zakhiwe kufutshane neendawo ezinamanzi ezifana namadama, imilambo, amachibi, neelwandle ukuze kuhlume kwaye kuxhaswe urhwebo noshishino.
4. Isixeko saseRhawutini sesona sixeko ehlabathini esingazange sakhiwa kwindawo enamanzi. Okunye okunika umdla ngeRhawuti yinto yokuba inehlathi elikhulu elenziwe ngabantu kwihlabathi liphela. Yonke imithi eRhawutini ityalwe ngabantu.
5. Izizwe ezingcuchalazayo apha kwi-Afrika bezisoloko zikhangela iindawo ezinamanzi ukuze zityale izityalo kwaye neenkomo zifumane amadlelo okutya.
6. Ngokwesiqhelo, uninzi lwezizwe zase-Afrika bezingakhi iindawo zokuhlala kufutshane neendawo ezinamanzi. Abanye abantu bacinga ama-Afrika ayawoyika amanzi. Kwelinye icala, abanye bathi urhwebo ngamakhoboka lwakhokelela eli siko. Ezi mbono aziyonyani kwaphela.
7. Esona sizathu seli siko kukuba kuma-Afrika amanzi abonwa iyinto engcwele kakhulu. Zonke iindawo zamanzi – imilambo, amachibi, amadama kunye neelwandle – kufuneka zongiwe kwaye zihlonelwe.
8. Nqwa nezinye izizwe zase-Afrika, amanzi abaluleke kakhulu kubomi nenkcubeko yamaXhosa. Amanzi athetha lukhulu kumasiko neenkolo zawo.
9. Xa amakhwenkwe esiya kwaluka, amanzi ayasetyenziswa ekuwacoceni phambi kokudibana nengcibi. Oku kucocwa ngamanzi kubonisa ukungena kwelinye inqanaba lokukhula – ukuphuma ebukhwenkweni nokungeniswa ebudodeni. Amanzi luphawu olibonisa ukuba amakhwenkwe ayihlambile imikhwa yobukhwenkwe kwaye ngoku akulungele ukungena kwindlela entsha yobuntu obudala.
10. Phambi kokuba la madodana angabuyela eluntwini, kufuneka ahlambe ngamanzi ixesha abalichithe esuthwini. Bacocwa okokugqibela phambi kokuba babuyele ekhaya njengabantu abadala. Inxalenye yezinto ezenziwayo esuthwini kukufundisa la madodana ukonga nokuhlonipha amanzi.
11. AmaXhosa azibona iindawo zamanzi – imilambo, amachibi, amadama neelwandle – njengeendawo ezingcwele apho kuhlala khona izinyanya nezinye izilwanyana. Amanzi kwakho abalulekile ekungcwaliseni nasekuxhobiseni amagqirha. Ingqeqesho yegqirha ayiphelelanga xa lingakhange ligqithe kwindawo enamanzi efana nomlambo, idama, ichibi, okanye ulwandle. Igqirha liyakwazi ukubizelwa emanzini kwinkqubo yokuthwasa ukuze lifumane isipho

sokunyanganga nolwazi olugqibeleleyo.

12. Amanzi adlala indima ebalulekileyo kwimisebenzi yama-bandla amaninzi e-Afrika. Amakholwa amaninzi akhetha ukuphehlelela imizimba yawo ngokuthi ifakwe kumlambo, kwidama, kwichibi, okanye elwandle. Sisizathu esibalulekileyo ke esi ekugcineni iindawo zamanzi zicocekile kwaye ziphatheke kakuhle.
13. Kanti phaya mandulo, iintsapho ezizilele ukuswelekelwa sisi-za-lwane beziye zisuswe phakathi kwabantu, zihlaliswe ehlathini 'de lidlule ixesha lokuzila. Xa ziphuma apho ehlathini, bekufuneka kuqala zihlambe kwaye zizicoce emlanjeni okanye emfuleni phambi kokuba zidibane noluntu. Kwezinye iindawo zaseMpuma Koloni, eli siko lisenziwa nalapho ufumanisa ukuba abahlolokazi basiwa emlanjeni baye kuhlamba xa kuphele ixesha lokuzila.
14. Xa sijonge le nkcubeko yamaXhosa, siphawula uhlobo aba-luleke ngawo amanzi ukuze abantu bahlale besempilweni kwakunye nendima ebalulekileyo ayidlalayo kwimpilo yabo. Ngenene, amanzi abubomi, angcwele kwaye ayimpilo.

NguMjikisile Vulindlu

Water in die amaXhosa-kultuur

1. Water is nie net belangrik vir die omgewing en vir die voort-bestaan van diere en plante nie. Ook die mens is afhanklik van water om gesond te bly, 'n lewe te bou en te floreer.
2. Water is belangrik vir ons gesondheid omdat drie-kwart van ons liggame uit water bestaan. Net so speel water 'n belang-rike rol in elke ander aspek van ons lewe, soos in ons kulturele en godsdienstige rituele.
3. Die meeste groot stede en dorpe in die wêreld is naby aan water-bronne soos damme, riviere, mere en oseane gebou sodat waterweë gebruik kan word om die handel en ekonomie te bevorder.
4. Johannesburg is die enigste wêreldstad wat nie naby aan 'n waterbron gebou is nie. Nog 'n interessante feit oor Johannesburg is dat dit die grootste mensgemaakte woud bevat. Elke boom in Johannesburg is deur mense geplant.
5. Nomadiese stamme in Afrika het nog altyd gesoek na opgaar-plekke van water om gewasse te kan verbou en weiding vir hulle beeste te hê.
6. Tradisioneel bou Afrikakulture nie 'n stat naby aan water nie. Sommige mense dink die rede hiervoor is dat Afrikane 'n vrees vir water het. Ander dink weer die geskiedenis van slawehandel het tot hierdie tradisie gelei. Hierdie menings is egter nie waar nie.
7. Die ware rede is dat water in Afrika as 'n kosbare en heilige hulpbron gesien word. Alle waterbronne – riviere, mere, damme en oseane – moet altyd gerespekteer en bewaar word.
8. Net soos in die ander kulture van Afrika, speel water 'n baie belangrike rol in die lewe en kultuur van die amaXhosa. Dit is veral vir hulle betekenisvol in hulle kulturele rituele en godsdienstryke.
9. Wanneer jong seuns berg toe gaan vir hulle inisiasierite, word water as reinigingsmiddel voor die inisiasie gebruik. Die reiniging met water simboliseer hulle oorgang van jong seuns na volwasse mans. Die water is 'n teken dat hulle

hulle ou manier van leef afgewas het en dat hulle nou gereed is vir die nuwe reis as volwassenes wat voorlê.

10. Voordat die jong manne ná hulle inisiasie na die gemeenskap kan terugkeer, moet hulle hulle tyd in die berg ook eers met water afwas. Dit is die laaste reiniging voordat hulle terugkeer huis toe as volwasse mans. Tydens die inisiasierite in die berg word die jong manne geleer om water te respekteer en te bewaar.
11. Die amaXhosa beskou waterbronne as heilige plekke omdat riviere, mere, damme en oseane die woonplek van die voorvaders en verskeie diere is. Water is ook belangrik vir die heiliging en toerusting van die tradisionele genesers, die *izangoma* (meervoud) en *isangoma* (enkelvoud). Geen reis van die *isangoma* is volledig sonder die betrokkenheid van 'n waterbron soos 'n rivier, dam, meer of oseaan nie. 'n Sangoma word na die water geroep deur die proses van *ukuthwasa* om die gawe en kennis van heling te ontvang.
12. Water speel 'n groot rol in die godsdienstige rituele van baie Afrikakerke. Baie gelowiges verkies om gedoop te word deurdat hulle hele liggaam ondergedompel word in 'n rivier, dam, meer of oseaan. Daarom is dit so belangrik dat water onbesoedel sal wees en bewaar sal word.
13. In die verlede is families wat oor die dood van 'n geliefde gerou het uit die gemeenskap weggeneem en in 'n woud gevestig totdat hulle routydperk verby was. Wanneer hulle uit die woud teruggekom het, moes hulle hulle in 'n rivier of stroom gaan was en reinig. In sekere dele van die Oos-Kaap bestaan die ritueel steeds dat weduwees aan die einde van hulle rouproses na 'n rivier geneem word om hulle te was.
14. Uit die kultuur van die amaXhosa sien ons dat water baie belangrik is vir die mens om gesond te bly en om betekenis aan ons lewe te gee. Water is inderdaad lewegewend, heilig en helend.

Deur Mjikisile Vulindlu

Water in the amaXhosa culture

1. Water is not only important for nature and the survival of animals and plants. People are also dependent on water to stay healthy, build a life and flourish.
2. Water is essential for our health as three-quarters of our bodies consist of water. Water also plays a very important role in every other aspect of our lives, as in our cultural and religious rituals.
3. Most major cities and towns in the world are built close to water resources such as dams, rivers, lakes and oceans to promote and support trade and commerce.
4. Johannesburg is the only major city in the world that was not built near a water source. Another interesting fact about Johannesburg is that it has the biggest man-made forest in the world. People planted every tree in Johannesburg.
5. Nomadic tribes in Africa were always in search of abundant water catchments to grow crops and have grazing for

their cattle.

6. Traditionally, African cultures do not build settlements close to water resources. Some people think the reason for this is that African people fear water. Others argue that the slave trade led to this tradition. These arguments, however, are not true.
7. The actual reason for this tradition is that in an African context water is seen as a precious and holy resource. All water resources – rivers, lakes, dams and oceans – should always be respected and preserved.
8. As in other cultures of Africa, water plays a very important role in the life and culture of the amaXhosa. Water is especially meaningful in their cultural rituals and religious practices.
9. When young boys go to the mountain for their initiation ritual, water is used for cleansing before the initiation. This cleansing with water symbolises the rite of passage from boyhood to manhood. The water is a symbol that they washed off their old way of life and are now ready to take on the new journey as adults.
10. Before the young men can return to the community, they have to wash off the time in the mountain with water. This is the last cleansing before they can return home as adults. Part of this initiation ritual is to teach the young men to respect and preserve water.
11. The amaXhosa regards water resources as sacred places for rivers, lakes, dams and oceans are the place where the ancestors and various animals live. Water is also vitally important for the sanctification and equipment of traditional healers, the *izangoma* (plural) and *isangoma* (singular). No journey of an *isangoma* is ever complete without the involvement of a water resource like a river, dam, lake or ocean. A sangoma can be called to the water through the process of *ukuthwasa* to receive the gift and knowledge of healing.
12. Water plays a vital role in the religious rituals of many African churches. Many believers choose to be baptised by their whole body being immersed in a river, dam, lake or ocean. That is also a very important reason to keep our water resources unpolluted and to preserve our water.
13. In the past, families mourning over the death of a beloved were removed from the community and settled in a forest until their mourning period was over. When they came from the forest to join the community again, they had to wash and cleanse themselves in a river or stream. In some areas of the Eastern Cape the ritual is still observed to take widows to a river after their mourning period to wash themselves.
14. From the culture of the amaXhosa, we see how important water is for people to stay healthy and give meaning to their lives. Water is indeed life giving, holy and healing.

By Mjikisile Vulindlu

lingcebiso ezili-10 zokonga amanzi

Wonke umntu omtsha anganako ukulandela ezi ngcebiso zilishumi zokonga amanzi ekhaya nasesikolweni. Ngokwenza oku, bakuncedisana ekongeni iindawo zethu zamanzi ukuze kuxhamle izizukulwana ezizayo.

1. **Musa ukuyihlamba mihla le impahla yakho.**

Kuyinkcitho yamanzi ukuhlamba impahla yonke imihla. Kungcono uyihlambe yonke impahla yakho emdaka kube kanye evekini.

2. **Hlamba umzimba kanye ngemini.**

Musa ukuhlambela ebhafini kabini ngosuku. Kungcono usebenzise i-shower kunebhafu. Xa ukwi-shower, usebenzisa amanzi amancinci.

3. **Uhlamba ngokukhawuleza kwi-shower kunaxa uhlambela ebhafini.**

Ukuhlamba kwi-shower ngokukhawuleza konga amanzi. Musa ukuthatha ngaphezu kwemizuzu emihlanu kwi-shower. La manzi okuqala abandayo wakhongozele ngebhakethi kwaye uwasebenzise kwenye into efana nokunkcenkceshela isitiya okanye ekugungxuleni indlu yangasese.

4. **Musa ukuwabilisa amanzi ukuba uza kuhlambela umzimba kwivaskom.**

Ukuba usebenzisa ivaskom ekuzihlambeni, musa ukuwabilisa amanzi oza kuhlamba ngawo. Oku kuza kubangela uwapholise ngamanzi amaninzi abandayo ukuze abe dikidiki. Ngokuthi uwafudumeze amanzi aphume ingqele, uyakube wonga amanzi nombane, iparafini okanye igesi.

5. **Musa ukuyimanzisa ibhrashi yamazinyo phambi kokuba uhlambe amazinyo.**

Ungawonga amanzi ngokuthi ungayimanzisi ibhrashi yakho yamazinyo phantsi kwempompo yamanzi phambi kokuba uhlambe amazinyo akho. Chathaza intlama yamazinyo kwibrashi yakho wakugqiba uqalise ngokuwahlamba amazinyo. Amathe akho akuyenza ibhrashi ifume ngokwaneleyo.

6. **Yivale impompo lo mzuzu uhlamba amazinyo.**

Musa ukuyeka amanzi aphume kwimpompo ngeli lixa uhlamba amazinyo. Kwaye nomlomo ungawupulushi ngamanzi ampompozayo. Wagalele amanzi kwiglas okanye kwikomityi ukuze uxukuxe umlomo.

7. **Wonge amanzi abandayo aphuma kwimpompo.**

Xa uhlamba kwi-shower okanye uhlamba izitya, musa ukuwayeka nje la manzi okuqala aphuma kwimpompo. Wakhongozele ngesitya uze uwagcinele eminye imisebenzi apha endlini.

8. **Sebenzisa isitya xa uhlamba iziqhamo nemifuno.**

Xa uhlamba iziqhamo ezifana nama-apile okanye iidiliya okanye imifuno ekwada, sebenzisa isitya ukuze uwakhongozele la manzi ngeli xesha uhlamba iziqhamo okanye imifuno. Wagcine la manzi esityeni ukuze uwasebenzise kwezinye izinto apha endlini.

9. **Khongozela amanzi emvula.**

Wakhongozele amanzi emvula xa kusina. Umzekelo, ungawasebenzisa la manzi ekugungxuleni indlu yangasese, ekunkcenkcesheleni isitiya okanye ekuhlambeni

impahla.

10. Hlala uphulaphule amanzi athontsizayo.

Xa usekhaya, phulaphula awuvi manzi athontsizayo na. Kusenokwenzeka impompo ayikhange ivalwe kakuhle okanye iyavuzwa., okanye umbhobho ugqabhukile. Maxa onke zivalisise kakuhle iimpompo kwaye uzilungise ezo zivuzayo kwakunye nezo zonakeleyo ngokukhawuleza.

NguMjikisile Vulindlu

10 Waterbesparingswenke

Elke jongmens kan hierdie 10 waterbesparingswenke by die huis en by die skool volg en só saamwerk om ons waterbronne vir toekomstige geslagte te bewaar.

1. Moenie elke dag jou klere was nie.

Om elke dag jou klere te was mors water. Dit is beter om jou vuil klere een keer per week te was.

2. Bad net een keer per dag.

Moenie meer as een keer per dag bad nie. Dit is ook beter om te stort as om te bad, want jy gebruik minder water as jy stort.

3. Stort vinnig in plaas daarvan om te bad.

'n Vinnige stort bespaar baie water. Moenie langer as vyf minute stort nie. Vang die eerste koue water op in 'n emmer en gebruik dit vir iets anders soos om jou tuin nat te maak of die toilet te spoel.

4. Moenie water kook as jy 'n wasbak gebruik om te was nie.

Indien jy 'n wasbak gebruik om te was, moenie water in die ketel kook nie. Dit veroorsaak dat jy baie koue water by die kookwater moet tap om die water louter te kry. Deur die water tot net die regte temperatuur warm te maak bespaar jy water en elektrisiteit, paraffien of gas.

5. Moenie jou tandeborsel nat maak met water nie.

Jy kan water spaar as jy nie jou tandeborsel onder 'n lopende kraan nat maak wanneer jy jou tande wil borsel nie. Sit die tandepasta op jou tandeborsel en borsel jou tande. Jou speeksel sal die borsel klam genoeg maak.

6. Draai die kraan toe terwyl jy jou tande borsel.

Moenie die kraan laat loop terwyl jy jou tande borsel nie. Moet ook nie jou mond uitspoel terwyl die water loop nie. Tap water in 'n glas of 'n koppie om jou mond uit te spoel.

7. Moenie koue water uit die kraan vermors nie.

As jy stort of skottelgoed was, moenie die eerste koue water uit die kraan vermors nie. Vang hierdie water op en gebruik dit iewers anders in die huis of in die tuin.

8. Was vrugte en groente in 'n wasbak of kommetjie af.

As jy vrugte soos 'n appel of duiwe of rou groente afwas, gebruik 'n wasbak of kommetjie om die water op te vang terwyl jy die vrugte of groente afspoel. Hou hierdie water vir ander gebruike in die huis of vir die tuin.

9. Vang reënwater op.

Vang water op wanneer dit reën. Jy kan hierdie water gebruik om die toilet te spoel, die tuin nat te maak, jou klere te was, en so meer.

10. Luister vir waterlekke in die huis.

Wanneer jy by die huis is, luister of jy iewers hoor water lek. Dit kan wees dat 'n kraan nie goed toegedraai is nie of lek, of dat 'n waterpyp gebars het. Draai alle krane goed toe en maak lekkende krane en stukkende waterpype dadelik reg.

Deur Mjikisile Vulindlu

10 Water saving tips

Every young person can follow these 10 water saving tips at home and at school. By doing this, they will contribute to save our water resources for future generations.

1. Do not wash your clothes every day.

Washing your clothes every day wastes water. It is better to wash all your dirty clothes once a week.

2. Take a bath only once a day.

Do not take a bath more than once a day. It is also better to shower than to take a bath. When you shower, you use less water.

3. Take a quick shower instead of taking a bath.

A quick shower saves water. Do not spend more than five minutes in the shower. Collect the first cold water in a bucket and use it for something else, such as watering the garden or flushing the toilet.

4. Do not boil water if using a washbasin to wash yourself.

If you use a washbasin to wash yourself, do not boil water in a kettle. This will require you to add a lot of cold water to the boiled water to cool it down to lukewarm. By warming the water until it is just the right temperature you will save water and electricity, paraffin or gas.

5. Do not wet your toothbrush before brushing your teeth.

You can save water by not wetting your toothbrush under a running tap before brushing your teeth. Put the toothpaste onto your toothbrush and start brushing your teeth. Your saliva will make the brush moist enough.

6. Turn off the tap while brushing your teeth.

Do not let the tap water run while brushing your teeth. Also, do not rinse your mouth with running water. Fill a cup or glass with water to rinse your mouth.

7. Do not waste cold water coming from a tap.

When you shower or wash the dishes, do not waste the first cold water from the tap. Collect this water and keep it for other uses in the house or for the garden.

8. Use a basin or bowl to wash fruit and vegetables.

When you wash fruit like an apple or grapes or raw vegetables, use a basin or bowl to collect the water while you rinse the fruit or vegetables. Keep this water for other uses in the house or for the garden.

9. Collect rainwater.

Collect water when it rains. You can use this water, for example, to flush the toilet, water the garden or wash your clothes.

10. Listen for water leaks at home.

When you are at home, listen if you can hear water dripping. It could be that a tap was not closed properly or is leaking, or that a water pipe has burst. Always close taps properly and repair leaking taps and broken water pipes immediately.

By Mjikisile Vulindlu

Izaci namaqhalo esiXhosa ngamanzi

isiXhosa-idiome en -spreekwoorde oor water

isiXhosa idioms and proverbs about water

1

ISIBINDI

DAPPERHEID COURAGE

Ukuthwala amanzi ngesifuba.

Oku kuthetha umntu okwaziyo ukwenza izinto ezibonwa zingenokwenzeka. Umzekelo, indadi ekwaziyo ukuwela umlambokazi ogqumayo ngamanzi.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Om water op jou borskas te dra.

Dit verwys na goeie swemmers wat 'n onstuimige rivier oorsteek.

English: To carry water on your chest.

It refers to competent swimmers crossing a roaring river.

In **Afrikaans** kan ons sê: *Die stormwater trotseer.*

In **English** one can say: *Brave the stormy waters.*

2

UBUSHUSHU

HITTE HEAT

Ilanga likhupha intlanzi amanzini.

Ilanga lishushu kakhulu kangangokuba intlanzi iphuma emanzini ngenxa yobushushu bamanzi.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Die son is so warm dat die visse buite die water na suurstof soek.

Die son kook die water.

English: The sun is so hot that the fish are jumping out of the water for oxygen.

The sun boils the water.

In **Afrikaans** kan ons sê: *Die kraaie gaap.*

In **English** one can say: *It's a scorcher out there.*

3

INGULO

SIEKTE ILLNESS

Isisu sigabh' amasi, sode sigabh' amanzi.

Xa umntu egula yaye nesisu singenako ukugcina amasi, bekusaziwa ukuba loo mntu ugulela ukufa kuba namanzi, la alithemba lokugqibela, angekhe ahlale esuswini. Oku kuthetha umntu ogulela ukufa.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Die maag wat nie suurmilk kan binnehou nie, sal binnekort ook sukkel om water binne te hou.

Die persoon lê op sterwe.

English: The stomach that cannot keep sour milk down, will soon not be able to keep water down.

The person is dying.

In **Afrikaans** kan ons sê: *Op sterwe na dood lê*, of: *Op sy laaste bene wees*.

In **English** one can say: *To be at death's door*.

4

IINKANI

HARDKOPPIGHEID STUBBORNNESS

Ngamatye asemanzini.

Oku kuthetha umntu oneenkani okanye into engasoze iguquke. Nokuba ilitye sele lisemanzini, ubunjani balo abujiki. Lihlala lilolwahlobo lililo.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Die klip lê in die stroom, maar verweer (verander) nooit nie.

'n Hardkoppige persoon weier om te verander.

English: The stone is in the water, but never changes shape.

A stubborn person sticks to his/her old ways.

In **Afrikaans** kan ons sê: *Iemand kan nie sag kook nie.*

In **English** one can say: *To dig your heels in.*

5

UKUXHOMEKEKA ETYWALENI **ALKOHOLISME ALCOHOLISM**

Indla-manzi.

Ukuthanda ukusela utywala kakhulu. Indla-manzi ngulowo usela kakhulu utywala.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Om water te eet.

In isiXhosa word 'n alkoholis "die een wat water eet" genoem.

English: To eat water.

In isiXhosa an alcoholic is called "the one who eats water".

In **Afrikaans** kan ons sê: *Drink soos 'n vis.*

In **English** one can say: *Drink like a fish.*

6

UKUNCOMA BEWONDERING ADMIRATION

Abathumani manzi.

Ngoontanga. Okanye abantu abalinganayo ngeminyaka.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Hulle stuur mekaar nie om water te gaan haal nie.

Hulle het nie aanmoediging nodig om te doen wat hulle moet doen of om te wees wie hulle is nie.

**Hierdie idioom se oorsprong lê in bewondering vir iemand wat vreugde vind in die moeilike taak om water oor lang afstande in die landelike gebiede te gaan haal en te dra.*

English: They do not send each other to fetch water.

They do not need encouragement to do what they should do or to be who they are.

**The root of this proverb lies in the admiration for those who joyfully execute the difficult task of fetching and carrying water over long distances in rural areas.*

In **Afrikaans** kan ons sê: *Jou hoed vir iemand afhaal.*

In **English** one can say: *Take your hat off to someone.*

7

INGOZI GEVAAR DANGER

Amanz' angen' endlwini.

*Ingxaki igalelekile okanye ifikile.
Ukuba sengxakini enkulu.*

Direkte vertaling Σ Direct translation

Afrikaans: Water stroom die huis binne.

Daar dreig onafwendbare gevaar.

English: Water is streaming into the house.

Unavoidable danger is approaching.

In **Afrikaans** kan ons sê: *In diep water beland.*

In **English** one can say: *To be in deep waters.*

8

UTYHAFISO

ONTMOEDIGING DISCOURAGEMENT

Ukugalela amanzi.

*Ukutsalela umntu ezantsi, umtyhafise ukuze angaphumeleli
kwiinzame zakhe.*

Direkte vertaling Σ Direct translation

Afrikaans: Gooi die water.

Om iemand se geesdrif te demp of hulle pogings te stuit.

English: Pouring the water.

To dampen someone's spirit or hinder their efforts.

In **Afrikaans** kan ons sê: *Koue water op iemand se planne gooi.*

In **English** one can say: *To pour cold water on someone's plans.*

9

INDLALA HONGERTE HUNGER

Ukulala ngamanzi.

Indlala.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Om met water in jou maag te (gaan) slaap.

Om honger te gaan slaap (sonder vastekos).

English: Going to bed with water in your stomach.

Going to bed hungry (without solid food).

In **Afrikaans** kan ons sê: *Op 'n leë maag (gaan slaap).*

In **English** one can say: *(Going to bed) on an empty stomach.*

10

INTUTHUZELO VERTROOSTING CONSOLATION

Ukuseza amanzi.

Ukumxolisa umntu okanye ukumcebisa ngcono.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Om iemand water te gee.

Om iemand te vertroos of raad te gee.

English: To give someone water.

To comfort someone or give them advice.

In **Afrikaans** kan ons sê: *Balsem oor die wonde giet.*

In **English** one can say: *Pour balm on the wounds.*

11

UKUNGABI NATHEMBA
HOPELOOSHEID HOPELESSNESS

Intlanzi etshelwe ngamanzi.

Kukushiyeke ungenathemba okanye ungenalo uncedo.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: 'n Vis se water het opgedroog.

Om sonder hoop of uitkoms te wees.

English: A fish on dry ground for the water has dried up.

To have no hope or means of escape.

In **Afrikaans** kan ons sê: *Soos 'n vis op droë grond wees.*

In **English** one can say: *Like a fish out of water.*

12

UBUHLE SKOONHEID BEAUTY

Amanz' andonga.

Ubuhle

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Water uit die waterval (die oorsprong).

Suiwer skoonheid. Wanneer jy na 'n waterval kyk, lyk dit asof die oorsprong van die water die val self is, soos die skenk van geboorte.

English: Water from the waterfall (the source).

Pure beauty. When you are looking at a waterfall, it seems as if the origin of the water is the fall itself, like giving birth.

In **Afrikaans** kan ons sê: *iets of iemand is van die suiwerste water.*

In **English** one can say: *Something or someone is of the purest lustre.*

13

ITHAMSANQA GELUK LUCK

Ndiyakuhlamb' ezantsi kwakho.

Xa ungenawo amathamsanqa okanye intlahla, uyakusoloko ulandela ekhondweni lomntu onawo ngethemba lokuba uyakuwafumana.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Ek sal stroomaf van jou bad of was.

Ek wil hê jou geluk en voorspoed moet oor my spoel.

English: I will bath or wash downstream from where you are taking a bath.

I want your luck and good fortune to wash over me.

In **Afrikaans** kan ons sê: *Die geluk loop hom/haar agterna.*

In **English** one can say: *Good luck follows the brave.*

14

UMANYANO SAAMWEES COMMUNITY

Zisela mfuleni mnye.

Abantu abavanayo kakhulu.

Direkte vertaling Σ **Direct translation**

Afrikaans: Om van dieselfde stroom te drink.

Om baie gemeen te hê.

English: To drink from the same stream.

To have lots in common.

In **Afrikaans** kan ons sê: *Ons drink van dieselfde stroompie.*

In **English** one can say: *We drink from the same stream.*

15

ESEMATHENI

BRANDPUNT HOT TOPIC

Sekuselwa ngayo.

*Into ekusoloko kuthethwa ngayo okanye ekubuzwa ngayo impilo.
Okanye into esematheni.*

Direkte vertaling Σ Direct translation

Afrikaans: Dis op elke tong (by die drinkplek).

Almal praat daaroor (by die drinkplek).

English: It is on every tongue (at the drinking place).

Everyone is talking about it (at the drinking place).

In **Afrikaans** kan ons sê: *Dis op almal se lippe.*

In **English** one can say: *It set the tongues wagging.*

16

UBUVILA LUIHEID LAZINESS

Ukukha amanzi ngengxowa.

Kukuthanda umsebenzi olula, kanti uzenzela nzima.

Direkte vertaling Σ Direct translation

Afrikaans: Soos 'n watersak (wat wag om gevul te word).

Om lui te wees of om swak werk te lewer.

English: Like a water bag (waiting to be filled).

To be lazy or doing your work poorly.

In **Afrikaans** kan ons sê: *As die son sak in die weste, is luidard op sy beste.*

